1

UAfro Ant, idela-ngozi

Imozulu



U-Afro Ant wayemi kwikhawuntara yevenkile, kodwa oomama babengamboni.
U-Afro Ant wema emgceni emva kwekhefu, kodwa oogxa bakhe baseklasini bamgila bemcinezela.
Eklasini, uAfro Ant waphakamisa isandla sakhe efuna
ukuphendula umbuzo, kodwa utitshala akazange ambone.
Ngexesha lokugoduka, uAfro Ant wabaleka ukuya ebhasini, kodwa yamshiya.
UAfro Ant wayediniwe kukuba M-N-C-I-N-A-N-E. Wayefuna ukuba M-D-E, abe
M-K-H-U-L-U, A-K-H-A-W-U-L-E-Z-E, O-M-E-L-E-L-E.
Waba necebo ...





... elimangalisayo!
Watya ukutya okuninzi yonke imihla. Wakhula, waba mkhulu ...
Wancedisa ukuthwala iintwanana nezinto ezinzima ukunyuka iqhina leembovane. Wakhula womelela ...
Wasela iziselo zokukhulisa izihlunu. Wakhula waba mde ...
Wazivoca-voca, esenza imithambo yomzimba. Wakwazi ukuhamba ngokukhawuleza ...
Wanyusa izinto ezinzima. Womelela.





Ekugqibeleni ... uAfro Ant wakhangeleka emangalisa ...

Kodwa ...

... ukubuyela kwakhe esikolweni, ikhawuntara yevenkilana yawa ...
... emgceni wayengcotshile ...
... eklasini wophula isitulo ...
... indlela egodukayo ngebhasi yayinezigingqi kakhulu.
UAfro Ant wayediniwe kukomelela, wayediniwe kukuba nzima,
wayediniwe kukuba mkhulu. Wagqiba ekubeni abe ... nguye nje!